



education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

FEBRUARY/MARCH 2009

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 iiyure

Eli phepha linamaphepha ama-12.



IMIYALELO

1. Eli phepha lemibuzo linamacandelo AMATHATHU, umzekelo ICANDELO A, ICANDELO B neCANDELO C.

ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30)
ICANDELO B: Isishwankathelo (10)
ICANDELO C: Ukusetyenziswa kolwimi (40)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Bhala icandelo ngalinye kwiphepha ELITSHA uze ukrwele umgca ekupheleni kwecandelo NGALINYE.
4. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.
5. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
6. Landela imiyalelo ngocoselelo.
7. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
8. Qwalasela upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.



ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**ISICATSHULWA A****UMBUSO 1**

1.1 Funda isicatshulwa esilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

Wayemhle okwelanga liphuma uNontle, buthe zole ubuso bakhe okwentyatyambo ngentseni emva kwemvula. Ilizwana lakhe lithethela phantsi ngathi uya kusithela. Iimeko zasekuhlaleni nezokuphila zabucima pam obo buhle. Wayehlala enyembezana imihla namalanga ubusuku nemini kuba zazimthwaxa iimeko zokuphila ngaphandle kwabazali. Wathi eseyimveku walahlekelwa ngabazali bakhe kwingozi yemoto. Nangona wayesemncinane kodwa imini yokusweleka kwabazali bakhe yayisathe thaa engqondweni kunga bekuyizolo.

Wayehlala ahlale asitsho esofelweyo echophe phezu kobuhlanti bakokwabo ejonge kumadlaka apho balele khona abazali bakhe. Wayenentaphane yemibuzo kodwa iimpendulo zimbawo. Ingqondo yale ntwazana yayithath'ibeka ebona ilanga liphuma litshone liphinde liphume. Imazi zeenkomo zaziwashiya amathole azo ziye emadlaleneni ziphinde zibuye kodwa kwakutheni abazali bakhe bengabuyi.

Amantshontsho ayefumana imfudumalo koonina amathole abuye anye koonina kodwa yena wayelilolo. Wayewajonga edlobadloba amathole ebona oonina naye anqwenele ukuba akwaba abazali bakhe bebhokho ingakumbi unina. Wayeyinkedama engenamphululi nonokumkhotsha amanxeba, ngoko ke ukungabi namama natata kububeka esichengeni ubom bomntwana abe sisisulu nesigculelo sikawonke-wonke. Kunjengokuba kwakunjalo kuNontle.

Emva kokusweleka kwabazali bakhe wathathwa zizihlobo wakhulela kuzo. Zazihlala kude kufuphi nekhaya lakhe. Impatho ayibanga ntle, yayimbi apho kwaninomncinci uMaMjoli. Ulonwabo nokutakataka awayeqhele ukukwenza kwakuliphupha kuye kuba wajika waba sisicaka. Iinkathazo zaba ngumdolomba waba ngumnikazikhaya, wangumongikazi, umpheki, umalusi emncinane engako, wagqiba ukufunda engazange awubone umnyango wesikolo. Akazange abonwabele ubom bobuntwana njengomntwana. Wabhitya waluhlaza, umzimba waba licekecekana. Yamtya intonga yaba yindlela yokuphila ngempazamo nganye ayenzileyo.

Kule lali akhulela kuyo wawumnye umthombo ekwakukhiwa kuwo amanzi acocekileyo, ayephuma phantsi kwentaba. Yayiba yimiqodi kwakusasa kanti kusakuba njalo nangenjikalanga. Okwakubuhlungu kukuba ayephela la manzi kunyanzeleke ukuba kulindwe. Uninomncinci kaNontle wayengayinanze konke konke into eyayiqhubeka yena wayefuna uNontle abe sendlwini kungekarhatyeli. Xa lithi ndithenge esemva kuloo mngcelele abonakale engonwabanga umntwana. Amehlo akhe ayethetha ukuba kwakukho onokuwafunda atolike okwakwenzeka kuba wayelufuna uncedo. Intlungu yayibhalwe ebusweni bakhe, abanye babeye bachukumiseke njengoonozala.



Ngelishwa uvakalelo loonoozala lalingabakhokeleli ekwenzeni okwakumele bakwenze. Babemazi lo mntwana kunye nabazali bakhe besaphila, bezimvuze-mvuze ngobubele. Yayiba ziintetho ezazimana ukuwa ngokukhohlakala kukanina omncinci phofu ezazingamncedi nganto kuba yena wayefuna umntu owayeza kumophula, kuba usizi lwalungamenzeli nto.

Kwakusebusika ngaminazana ithile wafika lo mntwana emthonjeni enganxibanga zihlangu ngelo xesha iqabaka imhlophe wee ikwabazeka xa uyinyathelayo. Emva kwemibuzo yoko kwakusenzeka impendulo yaba yeyokuba ezakhe izihlangu wanyanzelwa ukuba azinike umzala wakhe kuba ezakhe sezingasamlingani. Kwakufuneka ekhawulezile ukubuyela emva namanzi amatsha ukuze enzele uninomncinci iti nabazala bakhe bahlambe ukulungiselela ukuya esikolweni. Wayethi xa athe wenza impazamo yokwenza iti ngamanzi aleleyo ambethele ukumbulala embiza ngazo zonke izithuko ezazifika emlonyeni wakhe. Iziva ezazisemzimbeni zazibalisa. Walimala umntwana ngokwengqondo nangemvakalelo.

Yaba mbi impilo yalo mntwana de ngenye imini wathabatha isigqibo ngempilo yakhe. Wayengakhathali nokuba uphumelele okanye akaphumelelanga kodwa wayeza kuzimela emke ngebhasi yokuqala eyayihamba ngeyure yesihlanu kusasa. Akukho mntu owayengakhawuleza aqonde ukuba unyamalele kuba lixesha awayevuka ngalo esiya emfuleni engenazo neempahla ezazingamsokolisa.

Waphel'emehlweni wasala ezintliziyweni kwalityalwa ngaye waya kutshonela apho kungazi mntu. Yahamba iminyaka efunwa awabikho umkhondo. Kwabikwa nakwabomthetho, yavulwa nedokethi yokulahleka kwakhe.

Ufike edolophini waqabela imoto esinga eRhawutini njengomntu oya kunina oza kumhlawulela xa efika apho.

Kusemva kweminyaka engamashumi amabini kungena intomb'emhlophe ibobotheka ibulisa kwaMaMjoli. UMaMjoli amehlo selenorhatyazo. Kuqhutyekiwe nemibuliso impilo nokwaziswa kondwendwe. Ayikholelekanga le nto ezindlebeni zikaMaMjoli kodwa abazala bakhe bambonile bamazi kuba kaloku babuya emendweni bahlal'ekhaya apha. Walila umfazi wade wanesingqala ecel'uxolo ngento awamenza yona. Wamxolela kuba wayeyithwale intlungu nenzondo esemncinane ngoku wayefuna ukonwaba kuphela.

Ebuzwa ngalo mhla alahleka ngawo wachaza ukuba wacholwa yintombi yakwaRhadebe yamzala kwelo zwe laseRhawutini. Wamfundisa de waya kumqabelisa eDyunivesiti apho wafumana khona isidanga sokuba ngunoNtlalontle. Wayichaza imeko yakhe yomsebenzi kwakuhle kwanjeya. Phofu kwakungabuzwa kuba wayengene ngomnyonyovu we-Benz. Abakholelwanga nasekuhlaleni ukuba yayinguNontle ngokwenene. Ubaxelele nangamalungiselelo omtshato wakhe nogqirha osebenza kwesi sibhedlele asebenza kuso. Wayivala incwadi yamanzithi-nzithi agqithe kuwo wajonga phambili ekhululekile emphefumleni enoxolo. Ingomso alaziwa.

[Icatshulwe kwiBona, Matshi, 2005]

IMIBUZO:

Bhala kuphela inombolo yombuzo kunye nonobumba ongqinelana nempendulo echanekileyo.

- 1.1.1 Ingaba ezi zivakalisi zilandelayo luluvo okanye yinyani?
(a) UNontle wayeyinkedama. (1)
(b) Xa umphethe kakubi umntu uyamqeqesha. (1)
- 1.1.2 Nika intsingiselo yeli binzana
Yamtya intonga (2)
- 1.1.3 Ziziphi izinto uNontle awazifundayo phantsi kwesandla sikamamomncinci wakhe? Xela izinto zibe mbini. (2)
- 1.1.4 UNontle wayephetheke kabuhlungu. Chonga isivakalisi kwesi sicutshulwa esibonisa indlela ayiveza ngayo intlungu yakhe. (1)
- 1.1.5 Wena mfundi wesi sicutshulwa uyibona njani into yokuphel'emehlweni asale ezintliziyweni uNontle? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.1.6 Esi sicutshulwa asinasihloko. Emva kokusifunda sinike isihloko esisifaneleyo sihambelane nomxholo okuso. (2)
- 1.1.7 Ukuphatheka kabuhlungu kukaNontle kubonisa ukuba:
A Inkedama iba sisisulu ekudlalwa ngaso.
B Ubuntu baphela nakwizihlobo zegazi.
C Zonke ezi zingentla. (1)
- 1.1.8 Umongo wesi sicutshulwa ungathi udiza ntoni ngoNontle? Xhasa impendulo yakho. (2)



ISICATSHULWA B

1.2 Fundisisa okuqulathwe kule khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.



- 1.2.1 Liyinene elithi, "Imizi ayifani ifana ngeentlanti". Lo mama ukule khathuni wenza inguqu emzini wakhe. Uyavumelana na nale ndlela enza ngayo izinto? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.2.2 Xa ungangubhoza, uphatheke ngale ndlela ikule khathuni, ungaziva njani? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.2.3 Xa ujonge le khathuni, intshukumo nentetho yesi sibini ibonisa ukuba oku kwenzeka kwixesha langoku okanye kwixesha lakudala? Xhasa impendulo yakho wayame ngekhathuni le. (2)
- 1.2.4 Cacisa intetho kaBhoza ethi: "Undipheka endophula lo mntwana hi!" (2)
- 1.2.5 Isicatshulwa esingentla sikaNontle nale khathuni zinomxholo ofanayo, 'ukuphathwa gadalala'. Yintoni ezahluke ngayo? (2)
- 1.2.6 Ukukorobha kukaBhoza ngemophu ingaba kubonisa ukwamkela kwakhe imisebenzi ayinikwa yinkosikazi yakhe? Xhasa uluvo lwakho. (2)



- 1.2.7 Inkangeleko yobuso bukaBhoza ityhila ntoni ngomsebenzi awunikwa yinkosikazi yakhe? (2)
- 1.2.8 Sizathu sini esibangela ukuba lo mama anike indoda yakhe imisebenzi ebisaziwa njengeyabafazi? (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30



ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2**

Funda esi sicutshulwa silandelayo, wandule ushwankathele ngamazwi akho iingongoma eziphambili. Landela le miyalelo xa ushwankathela.

1. Shwankathela ngezivakalisi ezipheleleyo. (3)
2. Sebenzisa awakho amazwi ngokusemholweni. (3)
3. Shwankathela ngamagama angama-50 ukuya kuma-60. (2)
4. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo ngezantsi kwesishwankathelo. (1)
5. Umsebenzi wakho mawucoceke. (1)

Qaphela ukuba uza kohlwaywa xa uyityeshele le miyalelo ingasentla.

UKULWA UBUNDLOBONGELA KUQALA EKHAYA

"Izaphuli-mthetho ziqhelekile siyazikhulisa, khona kumakhaya ethu". Lo ibe ngumyalezo wesithethi sethu sembeko uLouisa Malema kwindibano yeBona eHammanskraal.

"Sizale abantwana okungoku nje abayingxaki kwiindawo zethu zokuhlala eMzantsi Afrika," utshilo uLouisa ecela umngeni. "Zininzi iindlela esibenza babezizaphuli – mthetho ngayo. Ukukhulela kumakhaya anodushe bungabenza babe nobundlobongela. Izaphuli – mthetho zisuka kumakhaya apho ubudlelwane phakathi kwabazali ababini nabantwana babo bungaqhelekanga – ingakumbi apho kukho ubundlobongela," ucacisa atsho uLouisa.

Akumnandanga ukufumanisa ukuba amabhinqa amaninzi enza okungalunganga ezama ukufihla ubundlobongela, xa abahlobo okanye abamelwane babo bebabuza ngemikrwelo namanxeba abangelwa kukubethwa ngabayeni babo.

"Oh, ndiwile, okanye ndingqubeke eludongeni", baphosisa batsho njalo. Ngamanye amaxesha ubundlobongela nokuxhatshazwa kwenzeka rhoqo kangangokuba ibhinqa lihlala lizilungiselele engqondweni ngaphambi kokuba umyeni afike ekhaya.

Konke oku kuyabachaphazela abantwana. Amantombazana akhula ecinga ukuba aza kuxhatshazwa ngelixa amakhwenkwe efunda ukuba zonke izinto zisonjululwa ngobundlobongela.

Ubundlobongela budala iyantlukwano phakathi kosapho kwaye abantwana bagqibela sebekhuliswa ngumzali omnye. Eyona nto bayaphazamiseka kwizifundo zabo. Okona kubi kakhulu bashiya amakhaya abo bahlale ezitalatweni, okanye babendlongondlongo kwabona.

"Umthetho ungecala lakho", utshilo uLouisa. "Wusebenzise ulwele amalungelo akho. IDomestic Violence Act 116 of 1998 yenzelwa ukuphelisa ubundlobongela nodushe kwiintsapho. Lo mthetho ukunika imvume yokuchaza naluphi uhlobo lokuxhatshazwa emapoliseni okanye ucele inkundla igunyazise umntu okuxhaphazayo ayeke".

Lo mthetho ukhusela lonke usapho, amadoda nabantwana. Wonke ubani unalo ilungelo lokuchaza naluphi uhlobo lokuxhatshazwa kwabantu. Ngoko ke nanini xa ubona ummelwane wakho exhatshazwa, chazela amapolisa, anyanzelekile ukuba enze uphando.

[Icatshulwe kwiBona, February 2001]

AMANQAKU ECANDELO B: 10



ICANDELO C: UKUSETYENZISWA KOLWIMI**UMBUZO 3**

3.1 Fundisisa umhlathana ongasezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Bavuka ngekhezi lokuqala beva endleleni, umfazi ethwele ukhuko, isithebe nenyama ekrwada isemnyazini, ebeleke umntwana emhlana. UGxwayintloko kwelakhe icala utyethe ingobozi nengxowa yebhokhwe ngentongana emhlophe awayevela nayo ekhayeni lakhe eNxaxho.

[Umhlathana uthathwe kwiCity Vision, Januwari 2008]

3.1.1 Isenzi u'Bavuka' sisetyenziswe sabonakalisa eliphi ixesha? (1)

3.1.2 Sebenzisa igama elisisithetha – ntonye negama 'emhlana' kwisivakalisi? (2)


3.1.3 Sebenzisa isibizo esakhiwe kwisalathandawo 'endleleni' kwisivakalisi? (2)

3.1.4 Igama u 'emhlophe' lenze msebenzi mni kulo mhlathana? (1)

3.2 UHLALUTYO LWESIBHENGEZO-NTENGISO

Fundisisa esi sibhengezo-ntengiso wandule uphendule imibuzo elandelayo.

IMageu Number 1 ivelise iBig Boy



MAGEU Number 1 engumxhasi weMageu Number 1 Business Start-up Awards eziyinxalenye yephulo leBONA Empowerment Club ivelise ipakethe entsha.

Ngenxa yokuthandwa kweMageu Number 1 ngabathengi, esi siselo ngoku sele sifumaneka ngepakethe eziilitha ezimbini.

Ibizwa ngokuba yi-"Big Boy" kwaye iyafikeleleka, iyavalisiseka kwakhona xa sele uyivulile kunjalonje iyeyokuqala ukuveliswa elolu hlobo. Ilungiselelwe ukuthengelwa ikhaya liphela kwaye ifumaneka ngeencasa ezimbini iBanana neCream.

Xa ungayifumani iBig Boy kwivenkile ekufuphi nawe cela umanejala ayi-ode.



- 3.2.1 Chonga amagama okanye amabinzana amabini asetyenziswe ngumbhali wale ntengiso ngeenjongo zokujija iingqondo zabantu. (2)
- 3.2.2 Bubuphi ubungqina obubonisa okokuba esi sibhengezo sayanyaniswa nesini esithile? (2)
- 3.2.3 Kungani ukuba ifonti yamagama abhalwe ngqindilili ingalingani namanye amagama abhalwe kwisibhengezo? (2)
- 3.3 3.3.1 Kwenzeke ntoni kwisibizo esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo? Kuba kutheni?

Olona calucalulo lumasikizi lelokungananzi abakhubazekileyo (2)
- 3.3.2 Sebenzisa la magama alandelayo kwizivakalisi ukuze kuphuhle indlela isimaphambili segama ngalinye esiyitshintsha ngayo intsingiselo yawo.

(a) Umnyama (1)
(b) Isimnyama (1)
- 3.3.3 Xela ukuba amagama akrwelelwe umgca ngaphantsi enze msebenzi mni kwesi sivakalisi silandelayo.

Yona iyakhonkotha ebusuku. (2)
- 3.3.4 Funda esi sivakalisi "Usisi uphakela utata ukutya", xela ukuba isimamva "ela" siphuhlisa ntoni kwesi senzi? (1)
- 3.3.5 Lungisa iziphene kwesi sivakalisi.

eyona nyama ndiyithandayo yeyegusha (2)
- 3.3.6 Funda lo mhlathana ulandelayo uze uphendule imibuzo.

Uthe efika nje ukuvela esikolweni wazithi jwii phaya ezo ncwadi wathi ngqe ukuphuma phandle engakhange atye. Unina umkhwazile ukuba abuye aze kutya waphendula ke yena ngelithi "andilambanga".

(a) Isakhi u'-a-' esikrwelelwe umgca senze msebenzi mni? (1)
(b) Bhala eli gama lifakwe iimpawu zocaphulo kwimo evumayo. (1)
- 3.3.7 Ibinzana ngalinye kula alandelayo linokumelwa ligama elinye. Bonakalisa oko kula mabinzana.

(a) Umntu othanda ukuphunga. (1)
(b) Umntwana oyindodana wokuqala. (1)

[25]

UMBUZO 4

4.1 Esi sivakalisi singezantsi sikwintetho-ngqo. Siguqule sibe kwingxelo-ntetho:

Umzekelo:

Utitshala uthi, "Hlalani phantsi bantwana nifunde."

Utitshala uthe abantwana mabahlale phantsi bafunde.

Umama uthi, "Balekani niye evenkileni nibuye msinyane." (4)

4.2 Hlahlela esi sivakalisi silandelayo ngokwamagatya ukhuphe igatya eliyintloko nelayamileyo uze uchaze ukwalamana kwawo ngolu hlobo.

Umzekelo: Abafundi abaNtsundu babhala iimviwo zeMatriki.

INANI	IGATYA	UDIDI NOLWALAMANO
A	Abafundi babhal; a iimviwo zeMatriki	Igatya eliyintloko
B	AbaNtsundu	Igatya elibal; ulayo lichaza u-abafundi ku-A

Ilokhwe ebomvu isikwe kakuhle. (4)

4.3 Funda esi sivakalisi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Umfundi uyazithanda iincwadi zakhe.

4.3.1 Izibizo ezikrwelelwe umgca ngaphantsi zenze msebenzi mni? (2)

4.3.2 Isakhi u-zi-sisetyenziswe njengantoni? (1)

4.3.3 Bhala esi sivakalisi singentla kwisininzi. (1)

4. 4 Nggamanisa okanye tshatisa le nkcazelo ingezantsi nohlobo lwesafobe.

4.4.1 Yinyoka umbona nje. A Ugqithiso (1)

B Isikweko

4.4.2 Ndifile yindlala. C Uchasaniso

D Isifaniso (1)

4.4.3 Bhala isifinyezi segama elibhalwe ngqindilili.

UGqirha Luwambo ufikile. (1)

[15]

AMANQAKU ECANDELO C: 40

AMANQAKU EWONKE: 80

